

Nyula Ubomi



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Gen. 2:8, 9; Rom. 6:23; 1 Yohane 5:12; Dut. 30:1–20; Rom. 10:6–10; Dut. 4:19; Isityhi. 14:6–12.*

Indima Yenkumbulo: “‘Ndinginisisa amazulu nehlabathi namhla ngani; ndibeke phambi kwenu ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso. Nyula ke ubomi, ukuze uphile, wena nembewu yakho’” (*Duteronomi 30:19*).

Kusoloko, ilibali elibuhlungu: kwesi sihlandlo, kule imeko intwazana enama-22 eminyaka, kubhaqwa kuye isigulo esibulalayo. Ithumba elisebuchotsheni. Nkqu zikhona izinto ezimangalisayo ngamachiza kule mihla, akho nto yayinokwenziwa koko ukwandisa intuthumbo de kwenziwe okuqinisekileyo. Kodwa le ntwazana iselula, “uSandy,” yayingafuni kufa.

Ngenxa yoko, waba necebo. Emva kokufa kwakhe, intloko yakhe yayizakufakwa emkhenkceeni, kwinkonkxa enenayitrojini engamanzi, ngamathemba okugcina iiseli zengqondo yakhe. Kwaye apho izakulinda, iminyaka engamashumi amahlanu, iminyaka elikhulu, iminyaka eliwaka, de ngaxa lithile kwelizayo, xa ubuchwephesha bube nenkqubela ngokwaneleyo, ingqondo yakhe, eyenziwa ngamaqhagamshela emithambo-luvo, ifakwe ngoko kwikhompuyutha. Yaye, ewe, ukuze uSandy “aphile” oko, mhlawumbi nangunaphakade.

Ibali eliluzizi, hayi nje kuba umntu omtsha wayezakufa, kodwa ngenxa yendawo awayebeke kuyo ithemba lakhe lobomi. Njengenkoliso yabantu, uSandy wayefuna ubomi, wayefuna ukuphila. Kodwa wakhetha indlela, ngokuqinisekileyo eyayingazokusebenza, ekugqibeleni.

Kule veki, njengoko siqhubekeka neDuteronomi, sizakujonga ukhetho lobomi, nethuba esilini kiweyo lokukhetha ubomi, kodwa ukubukhetha kwimiqathango uThixo, uMniki noMxhasi wobomi, ayinikezele ngobabalo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Novemba 20.*

Umthi Wobomi

Akukho mntu kuthi owazicelela ukuba lapha, sacela? Zange sikhethe ukubakho kwanjengoba singakhethanga indawo nexesha esizalelwe kuyo nabazali bethu ukuba babe ngobani.

Kwakunjalo naku-Adam no-Eva. Zange bakhethe ukudalwa nguThixo njengegqayi, ilitye, intaba. Njengabantu, asinikwanga bukho nje (ilitye linobukho), yaye hayi nje ubomi (i-amibha inobomi), kodwa ubomi njengezidalwa ezikhululekileyo ezinengqiqo ezenziwe ngokomfanekiselo kaThixo.

Kodwa ke asikhethanga kubakho njengezidalwa ezikhululekileyo ezinengqiqo ezenziwe ngokomfanekiselo kaThixo, nathi. Asibonelela ngako uThixo, noko kunjalo, lukhetho lokuhlala sikho; oko kukuthi, ukukhetha ukuba nobomi, ubomi obungunaphakade, kuYe, nto leyo esinayo ngenxa kaYesu nokufa kwaKhe emnqamlezweni.

Funda: kwiGenesis 2:8, 9, 15–17 nakwiGenesis 3:22, 23. Zintoni ezimbini ezikhethwayo uThixo awazinika u-Adam ngokuphathelele kubukho baKhe?

“Esazulwini se-Eden kwakukhula umthi wobomi, osiqhamo sawo sasinamandla okwandisa ubomi. Ukuba u-Adam wayengagungqanga ekuthobeleni uThixo, wayezakuqhubekela esonwabela ukufikelela ngokukhululekileyo kulo mthi kwaye wayezakuphila ngonaphakade. Kodwa wathi esakona wanqanyulwa ekudleni kumthi wobomi, waza waphantsi kwegunya lokufa. Isigwebo esingcwele, ‘ngokuba uluthuli, uyakubuyela kwaseluthulini,’ salatha ekuphelisweni okupheleleyo kobomi.”—Ellen G. White, *The Great Controversy*, pp. 532, 533.

Ngoko ke, zisuka nje, iBhayibhile isibonisa enye kwizinto ezimbini ezikhethwayo: ubomi obungunaphakade, nto leyo ekwakufanele sinayo kwasekuqaleni, nokufa okungunaphakade, nto leyo ngandlel’ithile ekukubuyela kukungabi nto esasisuka kuko kuqala.

Kunika umdla, kanjalo, indlela “umthi wobomi,” esithi isiBhalo unika ubomi, nowaqala ukuvela kwincwadi yokuqala yeBhayibhile, uvela kwakhona kwincwadi yokugqibela. Funda kwiSiTyhilelo 2:7 neSityhilelo 22:2, 14. Mhlawumbi umyalezo kukuba nangona kwakufanele sifikelele kumthi wobomi, ngenxa yesono saphulukana nokokufikelela; ngoko ke, ekugqibeleni, xa ingxaki yesono itha yagqitywa kamva nangokupheleleyo, masimbulele uYesu necebo losindiso, abakhululwa, abo bakhethe ubomi, bazakukwazi ukufikelela kumthi wobomi njengoko kwakufanele kwasekuqaleni.

Yicinge: ngezinto esizikhetha mihla le, sibukhetha njani ubomi okanye ukufa?

Akukho Mhlaba Uphakathi

Kuyo yonke iBhayibhile, siboniswa enye kwizinto ezimbini emasizikhethe. Zimbini izinto ezikhethwayo esizinikiweyo.

Funda: ezi ndima zilandelayo. Ngawaphi amacala amabini, ngawaphi amakhetho amabini, axelwe ngokucacileyo okanye avezwe kwezi ndima yaye la macala mabini abonakaliswe njani?

Yohane 3:16 _____

Gen.7:22,23 _____

Rom.6:23 _____

Rom.8:6 _____

IYohane5:12 _____

Mat.7:24-27 _____

Ekugqibeleni, akhukho mhlab'uphakathi kuthi bantu. Ngaphambi kokuba imfazwe enkulu iphele ngokupheleleyo, uSathana, ububi, ukungathobeli, novukelo zizakucinywa. Emva kokwenzeka koko, mntu ngamnye kuthi, buqu, uzakuba nobomi, ubomi obungunaphakade, awayesicwangcisele bona uThixo kwasekuqaleni ngaphambi kokudalwa kwehlabathi, okanye sijamelane nokufa okungunaphakade, oko kukuthi, “intshabalalo engunaphakade keleyo, bemke ebusweni beNkosi, nasebuqaqawulini bokomelela kwayo” (2 Thes. 1:9). IBhayibhile ayibonakali iveza elinye icala kuthi.

Siphelo sini esiya kuba sesethu? Lo mpendulo, ekugqibeleni, ixhomekeke kuthi. Sinokhetho phambi kwethu, ubomi okanye ukufa.

Ngokwemeko yobomi obungunaphakade okanye ukufa, kutheni inyaniso yeBhayibhile yokuba isihogo asivuthi sithuthumbise abantu ngonaphakade iyinyaniso ethuthuzela ngolo hlobo? Ibiyakuthetha ntoni ngesimilo sikaThixo ukuba intuthumbo usezingqondweni ibisisiphelo sokwenyani sabalahlekileyo?

Ubomi nokuLunga, Ukufa Nobubi, Iintsikelelo Nesiqalekiso

Ngasekupheleni kwencwadi yeDuteronomi, emva kwencoko ende ngokuyakwehlela abantu xa bathe abamthobela uYehova baphula amadinga omnqophiso, uDuteronomi 30 uqala ngesithembiso sokuba nokuba bathe bangathobeli baza bohlwaywa ngokugxothwa, uThixo noko kunjalo uzakubabuyisela ezweni.

Oko kukuthi, ukuba bathe baguquka babuya ezindleleni zabo ezimbi.

Funda: kwiDuteronomi 30:15–20. Ngawaphi amacala aboniswa uSirayeli wamandulo apha, yaye la macala ayibonakalisa njani into esiyibone kuyo yonke iBhayibhile?

UYehova ucece gca: Yena, Yahweh, ubeke elinye kumacala amabini, kanye le nto wayenza ku-Adam no-Eva e-Eden. Eneneni, amagama esiHebhere amele “ukulunga” (tov) “nobubi” (*ra*) kwiDuteronomi 30:15 ikwa ngamazwi amanye esiHebhere asetyenziswe kwiGenesis kumthi wokwazi “okungileyo” (tov) nokubi (*ra*). Apha, njengakuso sonke isiBhalo, akukho mhlab’uphakathi, akukho kukhwel’ecingweni. Bazakukhonza uYehova babe nobomi, okanye bakhethe ukufa. Ngokunjalo, ihamba ngolo hlobo nakuthi.

Ubomi, ukulunga, intsikelelo, zithelekiswa nantoni? Ukufa, ububi, neziqalekiso. Ekugqibeleni, nangona nje, umntu ngobulungisa angaxoxa ngelithi uThixo ngokwenene ubanunusa okulungileyo kuphela, ubomi kuphela, nentsikelelo kuphela. Kodwa ukuba uthe wamfulathela, ezi zinto zimbi zizakuba sisiphumo esizenzekelayo, ngenxa yokuba akasenayo inkuseleko yaKhe eyodwa.

Noko kunjalo, siyayiqonda ukuba, abantu bavezelwa la macala mabini. Icacce gca, kanjalo, inyaniso yentando yabo ekhululekileyo, amakhetho abo akhululekileyo. Ezi ndima, kunye nezininzi kangako eBhayibhileni, kwiTestamente eNdala neNtsha, azinantsingiselo kungekho siphosingwele sentando ekhululekileyo, ukhetho olukhululekileyo.

Eneneni, uYehova wathi kubo: *Ngenxa yoko, ngentando ekhululekileyo endininike yona-khethani ubomi, khethani intsikelelo, khethani ukulunga, hayi ukufa, ububi, neziqalekiso.*

Lubonakala lucacile ukhetho olululo ukuba luzakuba yintoni na, akunjalo? Kodwa noko kunjalo, siyakwazi okwenzekayo. Imfazwe enkulu yayi yinto ekhoyo ngoko njenga ngoku, kwaye kufuneka sifunde kumzekelo kaSirayeli oko kunokwenzeka xa singazinikeli ngokupheleleyo kuYehova size sikhethe ubomi nako konke okuqulathwe lolu khetho.

Funda kwiDuteronomi 30:20. Qaphela ikhonkco phakathi kothando nentobelo. Kufuneka enze ntoni uSirayeli ukuze athembeke kuYehova? Lo mmiselo usebenza njani kuthi namhlanje?

Awunto Ikunqabeleyo

UDuteronomi 30 uvula ngoYehova exela okuyakwenzeka ukuba abantu bathe baguquka babuya ezindleleni zabo ezimbi. Amadinga angummangaliso ngolo hlobo abawanikwayo nabo!

Funda: kwiDuteronomi 30:1–10. Ngawaphi amadinga abawanikwa nguThixo, nkqu nangona oku kuthetha ngento eyakwenzeka kuba xa bathe abathobela? Oku kusifundisa ntoni ngobabalo lukaThixo?

Kumele ukuba kwakusonwabisa ukuva oko. Noko kunjalo, ingongoma yayingekuba akukhathaliseki nokuba bajikile koko uThixo ebebayalele kona. UYehova akanunusi namnye ngobabalo olungenaxabiso. Ukuba nantoni na, kwakufuneka ibabonise uthando lukaThixo, ize ngalo ndlela, njengokusabela, bamthande nabo, betyhila uthando lwabo ngokuthobela oko abaxelele kona ukuba bakwenze.

Funda: kwiDuteronomi 30:11–14. Uthini uYehova kubo apha? Leliphi idinga lokuqala kwezi ndima, yaye zeziphi iindima zeTestamente eNtsha onokucinga ngazo ezibonakalisa kwa eli dinga linye?

Ngale ntetho imnandi, nengqiqo eqine nkqi, jonga kwesi sibheni apha. UYehova akafuni nto inzima kubo ukuba bayenze. Umthetho kaThixo awukho “nzima” mpela okanye “awunqabanga” ukuba bawuqonde. Okanye awukude ukuba bangangafikeleli kuwo. Awukho semazulwini phezulu, kude kangako de kufuneka umntu ozakuba phathela; okanye ngaphesheya kolwandle, ukuze umntu ongomnye eze nawo kubo. Endaweni yoko, uYehova uthi: “Ngokuba ilizwi eli lisondele kunene kuwe, emlonjeni wakho nasentliziyweni yakho ukuba ulenze” (*Dut. 30:14*). Oko kukuthi, nikwazi kakuhle ukuba ningawuthetha, yaye kusentliziyweni yenu ukuba ngoko niyayazi ukuba kufuneka nilenze. Yiyo lo nto kungekho kuzithethelela ngenxa yokungathobeli. Yonke imiyalelo yaKhe inamancedo.”—Ellen G. White, *Christ's Object Isifundos*, p. 333.

Eneneni, umpostile uPawulos ucaphula ezinye zezi ndima kumba wosindiso kuKristu; oko kukuthi, uPawulos walatha kuzo njengomzekelo wobolungisa ngokholo. (*bona Roma. 10:6–10.*)

Ize, emva kwezi ndima zikwiDuteronomi, abantwana bakaSirayeli baxelela, ewe, ukuba bakhethe ubomi okanye ukufa, intsikelelo okanye ukuqalekiswa. Yaye ukuba, ngobabalo nokholo, bakhetha ubomi, bakuba nabo.

Akwahlukanga nto namhlanje, akunjalo?

Umbuzo Wonqulo

Embindini kubudlelane phakathi koYehova noSirayeli yayi lunqulo. Into eyabenza bohluke kulo lonke ihlabathi elibangqongileyo yayi kukuba yayingabo kuphela njengo hlanga ababengqala uThixo wokwenyani, ngokungafaniyo koothixo noothixokazi bobuxoki behlabathi lobuhedeni, ababengengabo oothixo konke konke. “ ‘ “Bona ngoku, ukuba Mna ndinguYe; tu uThixo unaM” ’ ” (Dut. 32:39).

Funda: kwiDuteronomi 4: 19, Duteronomi 8:19, Duteronomiyi 11:16, noDuteronomi 30:17. Yintoni isilumkiso esifanayo kuzo zonke ezi ndima? Kutheni le nto esi silumkiso sibaluleke kangaka kuhlanga lwakaSirayeli?

Kumawaka eminyaka ngaphambili, njenganamhlanje, abantu bakaThixo babephila kwinkcube nemeko, amaxa amaninzi, eyayibonakalisa imigangatho namasiko neengcamango ezingqubanayo nenkolo yabo. Yiyo lo nto, kufuneka bahlale belunkile abantu bakaThixo, hleze iindlela zehlabathi, izithixo zalo, kunye “noothixo” balo babe yinto yokunqulwa ngabo, ngokunjalo.

UThixo wethu “nguThixo onekhwele” (Dut. 4:24, Dut. 5:9, Dut. 6:15), yaye nguYe yedwa, njengoMdali noMkhululi wethu, ofanelwe lunqulo lwethu. Apha, ngokunjalo, akukho mhlab`uphakathi: sinqula uYehova, oza nobomi, ukulunga, neentsikelelo, okanye sinqula nawuphi uthixo ongomnye, oza nobubi, iziqalekiso, nokufa.

Funda: kwiSiTyhilelo 13:1-15 uze uxile kumbuzo wendlela olubonakaliswe ngayo unqulo apha. Emva koko thelekisa ezi ndima neSiTyhilelo 14:6-12. Kwenzeka ntoni apha kwiSityhilelo ebonakalisa isilumkiso esanikezelwa kwiDuteronomi (yaye eneneni naku sonke isiBhalo) ngonqulo lobuxoki?

Nokuba imeko yohluke kangakanani na, umba usemnye: Abantu bazakunqula uThixo wokwenyani baze babe nobomi, okanye bazakoyisakala kumaxinzelelo, aphantle okanye afihlakeleyo okanye zombini, ukuba bashiye ukubabembelela kwabo kuYe baze bajamelane nokufa? Ekugqibeleni impendulo ilele entliziyweni yomntu ngamnye buqu. UThixo zange amnyanzele uSirayeli wamandulo ukuba amlandele, yaye soze asinyanzele nathi. Njengoko sibona kwiSityhilelo 13, unyanzelo yinto elizakuthi irhamncwa nomfanekiselo walo liyisebenzise. UThixo, ngokukhabanayo, usebenza ngothando.

Singaqiniseka njani, nkqu nangokufihlakeleyo, asikulahli ngokucothayo ukubambelela kwethu kuYesu ngenxa yomnye uthixo?

Ingcamango Eyongeziweyo: Ngoko, njenga ngoko, sonke sinikwe ukhetho. Igama elingundoqo apha lukhetho. Ngokungafaniyo nomqondo othile wobuKristu, nalapho, kwangaphambi kokuba abantu bazalwe, uThixo wabamisela ngenxa engaphambili abanye abantu ukuba bangalahleki nje kuphela koko batshe esihogweni ngonaphakade, isiBhalo sifundisa ukuba ukhetho lwethu olukhululekileyo lobomi okanye ukufa, intsikelelo okanye isiqalekiso, okulungileyo okanye okubi, ichaza ukuba sisiphi isithathu (ubomi, okulungileyo, intsikelelo-okanye ukufa, ububi, isiqalekiso) esiya kuphetha sijamelana naso. Yaye kumnandi kangakanani ukwazi ukuba nkqu naxa ubani enze ukhetho olungelulo, isiphumo kukufa, ukufa okungunaphakade, hayi intuthumbo engunaphakade kwidike lomlilo elingapheliyo.

“ ‘Kuba umvuzo wesono kukufa; ke sona isibabalo sikaThixo bubomi obungunaphakade kuKristu Yesu iNkosi yethu. Roma 6:23. Lo gama ubomi ili lifa lamalungisa, ukufa sisabelo sabangendawo. U Moses wavakalisa kuSirayeli: ‘Ndibeke phambi kwakho namhla ubomi nokulunga, ukufa nobubi.’ Duteronom 30:15. Ukufa ekuthethwa ngako apha kwezi ziBhalo ayikoku kwakubhengezwe ku-Adam, kuba lonke uluntu lufumana isohlwayo lokwaphula kwakhe umthetho. ‘Kukufa kwesibini’ oku kuthelekiswe nobomi obungunaphakade.”—Ellen G. White, *The Great Controversy*, p. 544.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- ① Eklasini, xoxani ngakumbi ngengcamango evezwe kwisifundo sangoLwesibini, yokuba ingaba nguThixo ozisa nqo isohlwayo apha ngoku ngenxa yokungathobeli okanye siza njengomthetho-njengomphumela wezenzo zokophula umthetho. Okanye isenoba zizo zombini? Okanye kusenokubakho iimeko apho iyenye okanye enye? Siwuqonda njani lo mxholo?
- ② Iindima esiziqwalaseleyo kwisicatshulwa sika-Ellen White namhlanje zisifundisa ntoni ngamandla kaThixo afumanekayo ukuba soyise isono?
- ③ Funda kumaRoma 10:1-10, apho uPawulos acaphula kwiDuteronomi 30:11-14 xa enaba kusindiso ngokholo kuYesu ngokukhabanayo nokufuna usindiso nobulungisa ngomthetho. Ucinga ukuba kutheni wasebenzisa ezi ndima zikuDuteronomi? Nika ingqalelo eyodwa kumaRoma 10:10 “Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.” Ngongoma ni ayivezayo uPawulos?
- ④ Zeziphi indlela ethi inkcubeko yakho, indawo ohlala kuyo, iqela labantu abangabakho lubambebele kwizimvo ezingathi, uba awulumkanga, zikukhokelele kunqulo lobuxoki?